



sport & recreation

Department:
Sport and Recreation South Africa
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**INCWADI YOKUFUNDISA YEZEMIDLALO NOLONWABO EMZANTSI
AFRIKA (I-SRSA) malunga neCandelo le-14 loMthetho
wokuKhuthazwa kokuFikelela kuLwazi, wonyaka ka-2000 (uMthetho
onguNombolo-2 ka-2000)**

IVUNYWE NGU

**MNU A. MOEMI
UMLAWULI JIKELELE
EZEMIDLALO NOLONWABO EMZANTSI AFRIKA
UMHLA:**

ULUHLU LWEZIQULATHO

1. Imisebenzi yezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (i-SRSA)	3
1.1 liNjongo eziphambili nezinguNdoqo ze-SRSA	3
1.2 liNdawo zokuSebenza ezinguNdoqo	3
1.3 INgxelo yeNjongo	6
1.4 linqobo ezisemgangathweni	6
1.5 IsiLogeni	6
1.6 INkqubo-sikhokelo eNxulumeneyo	6
2. ISakhiwo se-SRSA	7
2.1 Imvelaphi	7
3. linkcukacha zoqhagamshelwano namaGosa oLwazi angamaSekela	8
3.1 IGosa loLwazi	8
3.2 IGosa loLwazi eliliSekela	8
3.3 liNkcukacha zoQhagamshelwano Jikelele	8
4. ISikhokelo seKomishini yamaLungelo aBantu baseMzantsi Afrika ekubeni usetyenziswa njani umThetho	9
5. UkuFikelela kwiiNngxelo ezigciniweyo	9
5.1 Inkcazelo yamacandelo apho i-SRSA iqulatha khona iingxelo neeNdidi zeengxelo eziqulathwe kwicandelo ngalinye	9
5.2 UkuBhengeza ngokuZithandela nokubakho kweeNngxelo ezigciniweyo ngokuzenzekelayo	13
5.3 Indlela yokucela	13
6. linkonzo ezikhoyo kurhulumente kwanokuba zifunyanwa njani (iinkonzo)	15
6.1 linkonzo	15
6.2 Ufikelela njani	16
7. Ulungiselelo oluvumela ukubandakanyeka koluntu kuqulunqo lomgaqo-nkqubo nokwenziwa kwemisebenzi	16
7.1 UmGaqo-nkqubo nomThetho owaZisayo	16
8. Uncedo olukhoyo malunga nemithetho okanye okusileleyo kumthetho	17
8.1 linkqubo zokunika ingxelo okanye ukunceda	17
8.2 Olunye uncedo oluxhasayo	18
8.3 Umsebenzi wokunika ingxelo	19
9. Ukuhlaziywa kwencwadi yokufundisa	19
10. Ubukho bencwadi yokufundisa	19

1. IMISEBENZI YEZEMIDLALO NOLONWABO EMZANTSI AFRIKA (I-SRSA)

Injongo yezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika kukuphucula ixabiso lobom babo bonke abantu baseMzantsi Afrika ngokukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo nezolonwabo elizweni, nangokuthatha inxaxheba kwabantu abadlala imidlalo baseMzantsi Afrika namaqela kwimisitho yokudlala yamazwe-ngamazwe. Umsebenzi we-SRSA uxhasa i-Ofisi yoMphathiswa ekwenzeni umyalelo wayo wezopolitiko ukongamela uphuhliso nolawulo lwezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika.

1.1 Iinjongo zesiPhumo seSicwangciso zokuziQhelanisa ze-SRSA zezi:

a.

Injongo yesicwangciso yoku-1 **Abantu bafikelele kwimisebenzi yemidlalo nolonwabo**

Injongo yesicwangciso yoku-1

Ingxelo yenjongo

Abantu bafikelele kwimisebenzi yezemidlalo nolonwabo kangokuba kude kubekho ukonyuka ngonyaka kwe-10% kuthabatho nxaxheba lwabantu kwezemidlalo nolonwabo ngo-2020.

Iinjongo zesisicwangciso

Iinkqubo ezisebenzayo zolonwabo ziyaphunyezwa.

- Iinkqubo ezisebenzayo zolonwabo ziyaphunyezwa
- Amathuba othabatho nxaxheba kwezemidlalo anikwa uluntu.
- Iinkqubo zemidlalo ezikolweni ziyaxhaswa.
- Iinkqubo zophuhliso lwemidlalo zamaPhondo ziyaxhaswa
- Ufikelelo kwizibonelelo zemidlalo nolonwabo ziyandiswa.
- Inkxaso yobugcisa nolawulo iyanikwa.

b.

Iinjongo yeSicwangciso yesi-2 **Icandelo lezemidlalo nolonwabo litshintshwa ngokoneleyo**

Iinjongo yeSicwangciso yesi-2

Ingxelo yenjongo

Ukufaka uthintsho kwicandelo lezemidlalo nolonwabo ukuze iMibutho yeSizwe iphumeze zibophelelo zayo zotshintsho ngo-2020.

Iinjongo zesisicwangciso

Iinkqubo ezisebenzayo zolonwabo ziyaphunyezwa.

- Iinkqubo ezisebenzayo zolonwabo ziyaphunyezwa
- Amathuba othabatho nxaxheba kwezemidlalo anikwa uluntu.
- Iinkqubo zemidlalo ezikolweni ziyaxhaswa.
- Iinkqubo zophuhliso lwemidlalo zamaPhondo ziyaxhaswa
- Utshintsho kwezeMidlalo zoMzantsi Afrika lulungiswa ngokwaneleyo (Hlaziya
- Ufikelelo kwizibonelelo zemidlalo nolonwabo ziyandiswa.
- Inkxaso yobugcisa nolawulo iyanikwa.

c.

INjongo
yeSicwang
ciso yesi-3
Ingxelo
yenjongo

limbaleki ziyaphumelela kumazwe ngamazwe

limbaleki kunye namaqela bayaphumelela kwimidlalo yamazwe ngamazwe ngenxa yokuxhaswa lungenelo lokusebenza kakhulu. Impumelelo ithathwa njengempucuko ekusebenzeni koMzantsi Afrika kwimidlalo ekhethiweyo eyahlukahlukeneyo emininzi; okanye impucuko kunye/okanye ukugcinwa kokubekwa ngokwamazinga kwiikhowudi ezikhethekileyo zemidlalo ngo-2020.

linjongo
zesicwangc
iso

linkonzo zenkxaso zenzululwazi ezilungiselelwe iimbaleki.

- linkonzo zenkxaso zenzululwazi ezilungeleniselwe iimbaleko
- Imidlalo engundoqo iyaxhaswa.
- Ukhenketho lwezeMidlalo eMzantsi Afrika luyakhuthazwa.
- Impumelelo kwicandelo lezemidlalo nolonwabo iyanakanwa.

d.

INjongo
yeSicwang
ciso yesi-4
Ingxelo
yenjongo

Ukwenza ukuba kubekho iindlela zokuxhasa ezemidlalo nolonwabo

Inkqubo ehlanganisiweyo yeendlela ezikwaziyo ukuxhasa ukuzalisekiswa (njengezibonelelo, ukudibana ngezemidlalo, inkqubo yeziko loqeqesho; indlu yezemidlalo; iziko lolwazi ngezemidlalo; unxulumano oluluncedo lwamazwe ngamazwe kunye nosasazo kunye nenkxaso yezemidlalo) esekekileyo nesebenza ngokupheleleyo ngo-2019.

linjongo
zesicwangc
iso

- linkqubo zophuhliso lwemidlalo zamaPhondo ziyaxhaswa
- Ulawulo olulungileyo luyaxhaswa
- Imibutho yezemidlalo nolonwabo iyaxhaswa
- Isicwangciso sobudlelwane neminye imibutho buyalawulwa kwaye buyomelezwa
- Uthabatho nxaxheba kunxulumano oluninzi luyalawulwa
- Ufikelelo kwizibonelelo zemidlalo nolonwabo luyandiswa.
- Inkxaso yobugcisa nolawulo iyanikwa.

e.

INjongo
yeSicwang
ciso yesi-5
Ingxelo
yenjongo

Ezemidlalo zisetyenziswe njengesixhobo sokuxhasa urhulumente obandakanyekayo kunye nokuza phambili ngokubaluleka kwihlabathi jikelele

Ukonyuka nge-5% ngo-2020 ekwenzeni ukuba ezemidlalo ziqondwe luluntu lonke loMzantsi Afrika njengokuba zinegalelo ekwakhiweni kwesizwe.

Ezemidlalo zisetyenziswe njengesixhobo sokufaka isandla kubuncinane beenjongo ezineeziza phambili ngokubaluleka kwihlabathi jikelele ngo-2020

linjongo

zesicwangc
iso

- Ubunkokeli besicwangciso iinkonzo zolawulo nenkxaso ziyanikwa.
- Uxanduva lukarhulumente ngokubhekisele ekulweni ukusetyenziswa kwezinyobisi emidlalweni luyaxhaswa.

f.

INjongo
yeSicwang
ciso yesi-6

Umbutho onobuchule nosebenzayo

Ingxelo
yenjongo

Ukuphumeza iinkqubo zangaphakathi zokuqinisekisa ukuba i-SRSA ifumana ingxelo yonyaka yophicotho-ncwadi engenazo iziphene kunye nentelekelelo ye-MPAT yesi-4 kwiminyaka emi-5.

linjongo
zesicwang
ciso

- Ubunkokeli besicwangciso iinkonzo zolawulo nenkxaso ziyanikwa.

1.2 IiNdawo zokuSebenza ezinguNdoqo

Injongo yesebe kukwandisa ufikelelo, uphuhliso kunye nokugqwesa kuwo onke amanqanaba othabatho nxaxheba kwezemidlalo nolonwabo ukukhuthaza ukuba sempilweni komzimba nokufaka umanyano lwasekuhlaleni kunye nomgangatho wobomi kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika. Ukuze ikuphumeze oku iSebe lakhiwe ngokwezinkqubo zintlanu zilandelayo:

INkqubo yoku-1: uLawulo

Ukulawula iSebe kunye nokubonelela ngeenkono zenkxaso zolawulo, izicwangciso nokuphatha

INkqubo yesi-2: Isizwe esikhutheleyo

Ukuxhaswa kwamathuba othabatho nxaxheba lwabantu kwezemidlalo nolonwabo.

INkqubo yesi-3: Isizwe esiphumelelayo

Ukuxhasa ukuphuhla kwabo bangaba ziimbaleki.

INkqubo yesi-4: Inkxaso yezemidlalo

Ukuphuhlisa nokugcina inkqubo ehlangeneyo yezemidlalo ukuze kunyuswe ufezekiso lwezemidlalo nolonwabo

INkqubo yesi-5: Inkxaso yezaKhiwo

Ulawulo nokuphathwa kwezibonelelo zemidlalo nolonwabo. nolawulo lwezibonelelo ezizinzileyo zemidlalo nolonwabo.

1.3 Ingxelo yeNjongo

Umbono we-SRSA nenjongo yayo yile ilandelayo:

- a) **Umbono:** Isizwe esisebenzayo nesiphumelelayo

- b) **Injongo:** Ukutshintsha ukwenziwa kwezemidlalo nolonwabo ngokuqinisekisa ufikelelo olunobulungisa, uphuhliso kunye nokugqwesa kuwo onke amanqanaba othabatho nxaxheba kunye nokwandisa igalelo lentlalo-qoqosho elinokudala ubumi obungcono kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika.

1.4 Iinqobo ezisemgangathweni:

Umsebenzi we-SRSA wasizwe ngezi nqobo zisemgangathweni zilandelayo

- a)
 - Ukuthatha uxanduva: Ukuthatha uxanduva lwezenzo kunye nezigqibo.
 - IBatho Pele: Ukubeka abantu kuqala.
 - Ukuzinikela: Ukwenza ngokungaphaya komsebenzi wakho kunye nokuzibophelela kwinkonzo egqwesileyo.
 - Ukuveza okutsha: Ukufumana izisombululo ezinoyilo.
 - Imfezeko: Ukwenza izinto ezilungileyo nokuba ungajongwanga
 - Ukungafihli: Ukungakwali ukujongwa
 - Intsebenziswano: Ukubonisa uquko kufezekiso lweenkonzo.

1.5 IsiLogeni

“Ezakho wena ukhuthaleyo”

[EzeMidlalo noloNwabo eMzantsi Afrika - Ezakho wena ukhuthaleyo]

1.6 INkqubo-sikhokelo yabaSebenzisanayo:

INkqubo-sikhokelo yabaSebenzisanayo yeSebe yohlulwe yangabaxhamli, abasebenzisanayo, iziphatha-mandla kunye nabaniki-nkonzo. Ngamafutshane, abasebenzisanani beSebe baquka iNtlangano yezeMidlalo eyaziwayo kunye nezinye iibhodi zezemidlalo nolonwabo zalapha nezamazwe ngamazwe, iibhodi zikarhulumente ze-SRSA: eyaManqindi yaseMzantsi Afrika (i-BSA) neZiko laseMzantsi Afrika lezeMidlalo eChasene neziYobisi (i-SAIDS); amaBhunga ezeMidlalo eNgingqi; iMibutho eNgekho phantsi kukaRhulumente (umz. i-SCORE, iTrasti yezeMidlalo, amaGorha ezeMidlalo, ezingokuThanda uBomi), ii-SETA, amaZiko emfundo ePhakamileyo (i-USSA); iZikolo zemfundo ethile ephakamileyo zePhondo; iCandelo laBucala, iSizwe soMzantsi Afrika, iMibutho yaMazwe-ngamazwe neyelizwekazi; iPalamente, amaSebe kaRhulumente (aweSizwe nawePhondo); abasebenzi bakwa-SRSA, iiNjuze zemidlalo; oorhulumente bamazwe-ngamazwe, ii-NGO nezinto ezikhoyo eluntwini; amaZiko eMisebenzi eMikhulu; aBaxhasi; amaGunya eNgingqi kunye noSasazo.

2. UKWAKHIWA KWE-SRSA

2.1 Imvelaphi

- Kwinqanaba lezopolitiko, i-SRSA ikhokelwe nguMphathiswa, (uMnu Fikile Mbalula), noSekela Mphathiswa, (uMnu. Gert C. Oosthuizen) ngeli xesha elulawulweni ikhokelwe nguMlawuli-Jikelele, uMnu. Alec Moemi osekela lakhe iliGosa eliyiNtloko leMisebenzi (COO), uNks Sumayya Khan.
- I-SRSA ekhoyo ngoku ibekho emva kokudibana kweKomishoni yezeMidlalo yaseMzantsi Afrika kunye neSebe lezeMidlalo noLonwabo. Ngeli xesha kwinqanaba lephondo amasebe ezemidlalo nolonwabo ekwanoxanduva lobugcisa nenkcubeko, kwinqanaba lesizwe, akukhonjalo. I-SRSA neSebe loBugcisa neNkcubeko zizinto ezikhoyo zikaRhulumente ezohlukeneyo enye kuzo inemigaqo-nkqubo yayo, izakhiwo zolawulo, kunye nabasebenzi.
- Isakhiwo sombutho we-SRSA siyilwe kwiinjongo zayo zobuchule eziphambili nangokweendawo zomisebenzi zayo. Ulwakhiwo olutsha kuyilelwe ukuxhasa uYilo lwezeMidlalo noloNwabo. Ulwakhiwo olu lwakube luvunyiwe, luyakuphunyezwa ngezigaba.
- Ngaphandle kwe-SRSA, kukho amaziko amabini anika ingxelo kuMphathiswa wezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika, ngala: elezaManqindi laseMzantsi Afrika (i-BSA) kunye neZiko laseMzantsi Afrika lezeMidlalo eChasene neziYobisi (i-SAIDS).
- I-BSA yamiselwa malunga noMthetho wezaManqindi waseMzantsi Afrika, wonyaka ka-2001 (uMthetho onguNombolo-11 ka-2001) ukulawula nokumisela ezamanqindi kwiRiphabliki (ukukhuthaza amanqindi kwanokukhusela umdla weembethi-manqindi namagosa. Iqwalasela ukwenziwa kwezicelo zeelayisensi ezivela kuzo zonke iziphatha-mandla emangqindini aqinisekisiweyo, imilo evinyiweyo, ukuphumeza imimiselo enxulumeneyo, nokuqeqesha abadlali-manqindi, abanyuseli, amagosa ebala lamangqindi, abaphathi kunye nabaqeqeshi).
- I-SAIDS yamiselwa malunga noMthetho weZiko laseMzantsi Afrika lezeMidlalo eChasene neziYobisi, wonyaka ka-1997 (uMthetho onguNombolo-14 ka-1997). Owona msebenzi walo kukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo, ukukhululeka kumisebenzi wokwanda kokusetyenziswa kweziyobisi ezithintelweyo, kwanokufundisa abantu bezemidlalo ngeziphumo eziyingozi zokusebenzisa iziyobisi. Likwachasene nokusetyenziswa kweziyobisi kwezemidlalo; ukuqinisekisa umdlalo olungileyo kwanemikhwa esesikweni kwezemidlalo; ngokunjalo nokukhusela impilo/ukuphila kwabantu bezemidlalo.

- Ulwaxhiwo lwesikim se-SRSA sihlonyelwe kwiSihlomelo “A”

3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LOLWAZI KUNYE NAMASEKELA

3.1 Umlawuli-Jikelele we-SRSA, uMnu. Alec Moemi li**Gosa loLwazi** malunga noMthetho wokuPhakanyiswa kokuFikelela kuLwazi. Iinkcukacha zakhe zoqhagamshelwano zezi zilandelayo: DG@srsa.gov.za, uMnxeba: (012) 304-5249/8 okanye kgabo@srsa.gov.za.

3.2 **USekela-Gosa oLwazi** nguMnu. Manase Makwela, nguMlawuli: uLawylo lweSicwangciso, uHlolo noLawulo, , manase@srsa.gov.za, uMnxeba: (012) 304-5217

3.3 Ulwazi-Jikelele:

a) Idilesi yeposi:

Private Bag X896
PRETORIA
0001
Republic of South Africa

b) Idilesi yesitalato:

Regent Place Building
66 Queen Street
PRETORIA
(Idilesi iphakathi kweZitalato i-Thabo Sehume ne-Lilian Ngoyi, iimoto zingena kwikona yezitalato iThabo Sehume ne-Helen Joseph)

c) Ifeksi: (012) 323-8440

d) iwebhusayithi: www.srsa.gov.za

e) Umnxeba: (012) 304-5000

4. ISIKHOKELO SEKHOMISHONI YAMALUNGelo ABANTU BASEMZANTSI AFRIKA EKUBENI USETYENZISWA NJANI UMTHETHO

Isikhokelo ekubeni usetyenziswa kanjani uMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi, ka-2000, sikhona kwiKhomishoni yamaLungelo oLuntu lwaseMzantsi Afrika. Imibuzo ingabhekiswa kwi:

IKhomishoni yamaLungelo oLuntu lwaseMzantsi Afrika: kwiYunithi ye-PAIA ISebe loPhando nokuBhala phantsi ingxelo

a) Idilesi yokuposa:

Private Bag x2700
Houghton 2041

b) Umnxeba: 011-484 8300

c) Ifeksi: 011 484 1360

d) Iwebhsayithi: www.sahrc.org.za

e) I-imeyile: PAIA@sahrc.org.za

5. UKUFIKELELA KWIINGXELO EZIGCINIWEYO

5.1. INKCAZELO NGEMIXHOLO LEYO I-SRSA IQULETHE IINGXELO EZIGCINIWEYO NEENDIDI ZEENGXELO EZIGCINIWEYO EZIQULETHWE KWICANDELO NGALINYE

linjongo zokuququzelela isicelo malunga noMthetho, inkcazelo ngamacandelo apho i-SRSA iqulethe iingxelo ezigciniweyo neendidi zeengxelo ezigciniweyo eziqulethweyo kwicandelo ngalinye zezi zilandelayo:

5.1.1 IINKONZO ZESEBE

a) UPapasho noNxibelelwano:

Imiba enxulumene noPapasho lwangaphakathi nolwangaphandle okufana nezigidimi zeendaba noolindexsha neNgxelo yoNyaka ye-SRSA; iiNtetho ezenziweyo neMiyalezo yenkxaso; iingxelo zoSasazo kwezeMidlalo noloNwabo; iimaskoto zokukhuthaza ezemidalo ze-SRSA, imicimbi yokwaziswa kwequmrhu; ngokunjalo nolwazi kwiiNtengiso zoPapasho (ngaphandle kweentengiso ezinxulumene nezibonelelo zabasebenzi) Imicimbi enxulumene nophando lokonelsieka yeSebe; ukusetyenziswa kolwimi kunye neenkonzo zokwamkela/ezingaphambili wki/ii-ofisi ze-SRSA nazo zinokukhutshwa kule yunithi.

b) ULwazi ngobuChwepheshe

Ulwazi olunxulumene neZibonelelo zokusebenza kuLwazi ngoNxibelelwano ngoBugcisa [uthungelwano lwekhompyutha, ilungiselelo lwekhompyutha nesixhobo esinxulumeneyo noluhlu lwenkqubo (software)], ilungiselelo lweZisombululo zoShishino ngohlobo lweenkqubo zekhompyutha, neMigaqo-nkqubo.

c) ULawulo lweZibonelelo zaBasebenzi kunye noPhuhliso:

Imiba enxulumene neenkqubo ezithile ezijoliswe kubasebenzi, umgaqo-nkqubo nesiwangciso esiNxulumene neZibonelelo zabaSebenzi, uKwakhiwa kweQumrhu; uPhuhliso lweZibonelelo zaBasebenzi (kuqukwa uqeqesho); uLawulo loMsebenzi; ukuFunyanwa kwabasebenzi abatsha, nokuLawula iiMeko zeNkonzo yabasebenzi.

d) UBudlelwane bezeMisebenzi

Ulwazi olunxulumene noBudlelwane bezeMisebenzi lwabasebenzi; amaTyala oLuleko; iiMpikiswano, iZikhalazo neMigaqo-nkqubo.

e) IiNkonzo zoMthetho

Ulwazi olunxulumene neenkono zomthetho malunga nezimangalo nengcebiso, izivumelwano zengqesho, ngokunjalo nemigaqo-nkqubo.

f) ULawulo lokuKhutshwa nokuFunwa kweNkonzo

Ulwazi olunxulumene neNkonzo zePropati (ulawulo lwesakhiwo); iiNkonzo zoKhuseleko; uLondolozo Jikelele, aMalungiselelo (esithuthi, iinkono zomntu ohambisa imiyalezo/umqhubi), ukufunyanwa nokukhutshwa kweenkonzo kunuye nokuqeshwa kwabaniki zinkono ezinjalongokunjalo neMigaqo-nkqubo.

5.1.2 ULAWULO LWEZEZIMALI:

a) Ulwazi olunxulumene kuLawulo lweNkcitho; uGcino-ncwadi; ukwenza uHlahlo-lwabiwo mali nokunika iNgxelo efana noNgeniso lwe-MTEF neengxelo zezeziMali ngokunjalo nemigaqo-nkqubo.

b) Ulwazi olunxulumene noMgaqo-nkqubo woLawulo loLudwe lweZibonelelo (Supply Chain Management) (ukucwangcisa nokuzuzwa); uLawulo lwe-Asethi; kunye nolawulo lweLudwe lweZibonelelo. Ngamagama alula, olu lwazi olunxulumene nokubhaliswa kwabaniki zinkono; amaxwebhu okubhidanokukhupha iinombolo zoku-odola. Ulwazi lukwaquka imigaqo-nkqubo yokuThengwa kweempahla kaRhulumente; iRejista yee-Asethi zeSebe; amaxwebhu eThenda afunyenwe kubaboneleli, emva kokuba inikiwe ithenda; kunye neKontraki nababoneleli.

5.1.3 INKXASO YESICWANGCISO

Ulwazi olunxulumene noLawulo lweSicwangciso (kuquka amaxwebhu okuyila), ukuBeka iLiso kunye nokuHlola ukusebenza ngokubhekisele kwiinkqubo zojoliso ezicetyiweyo ze-SRSA, ngokunjalo neengxelo zolwazi kusebenza kwe-SRSA (njengeNgxelo yoNyaka).

5.1.4 UPHICOTHO-NCWADI LWANGAPHAKATHI

Ulwazi olunxulumene noPhicotho-Ncwadi lwangaPhakathi noLawulo lomNgcipheko

5.1.5 ISEBE

Ulwazi olunxulumene neSebe kunye neenkqubo zofikelelo kunye nokuhamba zapapashwa kwiNgxelo yoNyaka

5.1.6 ULAWULO

Ulwazi ngolawulo lwamaqela asebenzayo; uphicotho-ncwadi lwangaphakathi kunye nolawulo lomngcipheko; ngokunjalo nenkxaso yesigqeba sesebe.

5.1.7 INDAWO YE-OFISI

Ulwazi olunxulumene nokufumana ii-ofisi ezoneleyo ze-SRSA.

5.18 ULONWABO OLUSEBENZAYO

Ulwazi olunxulumene namaphulo kunye neenkqubo ezinyusa uthabatho nxaxheba olukhokelela kwimpilo yobomi obude; iKomiti yokuCebisa uMphathiswa kwezoLonwabo (Ministerial Advisory Committee on Recreation) (MACRe) olunceda i-SRSA ukuqalisa isicwangciso sezolonwabo; Ulwazi kwiiprojekthi ezifana neNkampu yoluTsha yeSizwe; **uMjikelo woBomi**, iMizuzu engama-67 ka-Nelson Mandela, uHmabo lweMpilo kunye kunye noHambo oluDe.

5.19 IMIDLALO YOLUNTU

Ulwazi malunga nokwakhiwa kweklabhu yezemidlalo nolonwabo; ezemidlalo eziLungisiweyo; **inkqubo zamavolontiyi ezemidlalo zesizwe**; iMidlalo yeMveli; **i-Takuma mascot**; "ibhasi yezemidlalo"; inkqubo zoTshintsho ekuHlaleneni kunye noPhuhliso kwezeMidlalo; inkqubo yokuphuculwa kwemidlalo ezilalini; usuku lophuhliso lwegalufa ye-Andrew Mlangeni neSahluko; uSuku lwezeMidlalo neNkcubeko le-Nelson Mandela

5.1.10 IMIDLALO YEZIKOLO

Ulwazi **ngeeligi zezikolo kunye neeNtshatsheli zeSizwe zeziKolo kunye nothabatho nxaxheba lwe-SA** kwiNkqubo yezeMidlalo yweziKolo kunye nobuNtshatsheli beSizwe beziKolo obunxulumeneyto, **ngokunjalo ne-Shingo mascot yokukhuthaza**.

5.1.11 INKXASO KUNYE NOKULUNGELELANISA IMIDLALO YEPHONDO

Ulwazi ngeNkqubo-sikhokelo yeNkxaso ye-DORA kunye neeprojekthi ezinxulumene nemidlalo ezibandakanyeka kwintsebenziswano neenkokeli zemveli.

5.1.12 INKXASO YEZENZULULWAZI

Ulwazi ngeNkqubo yeBhasari yezeMidlalo kaMphathiswa; inkqubo yezokufunda; ukuchongwa kwetalente; **inkqubo yokuPhuhliswa yangaPhaya kwesiDanga (Post Graduate Development Programme) (PDP)**; Inkomfa yezeMidlalo noloNwabo eMzantsi Afrika (SA Sport & Recreation conference) (SASReCON); kunye nenkxaso enikwa iZiko loMzantsi Afrika lokungaSetyenziswa kweziYobisi kwiMidlalo (South African Institute for Drug-Free Sport) (SAIDS); **ngokunjalo nejenali ye-**

ThinkSport. Iyunithi ikwasebenza nangolwazi olunxulumene nojoliso lwezemidlalo ezikolweni kunye nenkxaso yezenzululwazi kwii-atleti ezisakhulayo nekukudala zikhona.

5.13 INKXASO YEMISITHO ENGUNDOQO

Ulwazi kwinkxaso karhulumente enikwa imisitho engundoqo esingethwe nguMzantsi Afrika; ngokunjalo nemfuneko zokubhida kunye nokusingatha imisitho engundoqo yehlabathi yezemidlalo nolonwabo.

5.1.14 UKUQONDWA KWEENKQUBO

Ulwazi ngamaBhaso ezeMidlalo; inkqubo yebhatyi eluhlaza ka-Andrew Mlangeni; Inkqubo yabaNtu abaGqwesileyo kwezeMidlalo kaMphathiswa; iNkqubo yamaWonga okuSebenzi; kunye neNkxaso yabaseTyhini; ngokunjalo namaWonga eMimandla ezeMidlalo, **ii-atleti ezi-100 ezineempembelelo, abaqeqeshi, abalawuli namagosa obuchwepheshe (njengoko kuxeliwe kwi-Little Green Book); ngokunjalo nophando nokubhalwa kwembali yezemidlalo elizweni.**

5.1.15 ABANIKI NKONZO BEZOLONWABO NEMIDLALO

INkqubo-sikhokelo yeNkxaso yeMibutho yezeMidlalo eQondwayo kunye nenkxaso enxulumeneyo kuquka ukuxhaswa kwemibutho yezemidlalo nolonwabo; ulwazi ngemibutho eza phambili yemidlalo yezikolo; imibutho ezakufumana inkxaso enkulu kunyaka othile; **inkxaso enikwa i-National Basketball League (NBL);** inkxaso yolungiselelo lwezimali kunye nolweziko kumaNqindi oMzantsi Afrika (Boxing South Africa) (BSA), njengecandelo loluntu; ngokunjalo nesimo kutshintsho kumaqumrhu akhethiweyo ezemidlalo nolonwabo.

5.1.16 UPHANDO NOHLOLO

Ulwazi ngemiba ephathelene nophando nohlolo, efana nohlolo lwamayilo kunye Neziphumo zeeprojekthi zophando/uhlolo.

5.1.17 UBUDLELWANE BAMAZWE NGAMAZWE

Isicwangciso sobudlelwane bamazwe ngamazwe kunye nolwazi ngotshintshiselwano oluphakathi kwamazwe amabini, iindoibano eziphakathi kwamazwe amaninzi, ngokunjalo nokuthabatha inxaxheba koMzantsi Afrika kwi-African Union Sports Council Sport Development Region Five, eyayisakuba liBhunga eliPhezulu lezeMidlalo e-Afrika (Supreme Council of Sport in Africa) (SCSA) Zone Six.

5.1.18 UYILO LWEZIBONELELO ZEMIDLALO NOLONWABO

Ulwazi olunxulumene nokuhlelwa nokubekwa ngeendidi kwezibonelelo; ngokunjalo nesibalo kunye nophicotho lwezibonelelo zezemidlalo nolonwabo **inkqubo yophuhliso kwegalufa yoluntu ye-Andrew Mlangeni; uphuhliso kunye/okanye ukulungiswa kweepaki zokudlala abantwana.**

5.1.19 ULAWULO LWESIBONELELO SEZEMIDLALO NOLONWABO

Ulwazi olunxulumene nokunikwa iijom zoluntu; iipaki zokudlala abantwana; kunye nezinye izibonelelo ezinxulumene noko; mhokunjalo neNkqubo yoPhuhliso lweGalufa ka-Andrew Mlangeni.

ukuncediswa ngobugcisa koogunyaziwe beengingqi kunye nabanye abantu ekusetyeniswana nabo ababandakanyekayo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigangatho yesizwe ekwakheni kunye nakulawulo lwabo lwezemidlalo ngokunjalo neengxelo zokugcinwa nokusetyenziswa kweNdebe yeHlabathi ka-2010 ye- FIFA.

5.2 UBHENGEZO LOKUZITHANDELA KUNYE NEENGXELO EZIGCINIWEYO EZIKHOYO NGOKUZENZEKELAYO

5.2.1 Ngokwecandelo le-15 (2) lalo Mthetho ukhankanywe ngasentla, uMphathiswa wezemidlalo nolonwabo wanika isaziso kwiGazethi kaRhulumente eyiNombolo yama-40229, wama-26 Agasti 2016, ngenkcazo ye;

(a) ndidi zeengxelo ezigciniweyo ze-SRSA ezihlala zifumaneka ngaphandle kokuba umntu acele ufikelelo ngokwalo Mthetho, kuqukwa iindidi ezinjalo ezifumanekayo –

(i) ezokuhlolwa ngokomthetho ongaphandle kwalo mThetho

(ii) kwiqumrhu ngaphandle kwentlawulo; kunye

(b) nokuba uzifumana njani na ezo nkukacha zigciniweyo

Olu Luhlu lweRekhodi lufakwe kwiwebhusayithi ye-SRSA, www.srsa.gov.za

5.2.2 Kumele kuqatshelwe ukuba amaxwebhu aqala kwiiBhodi zikaRhulumente anika ingxelo kuMphathiswa; kwiiManyano; nakumaSebe aMaphondo anoxanduva lwezemidlalo nolonwabo akhona kwimibutho/amaziko afanelekileyo hayi kwi-SRSA. Nangona kunjalo, kumatyeli apho amaxwebhu anje abandakanywe kuxwebhu lwe-SRSA elenziwe lwakho kuwonke-wonke, ulwazi oluphathelele namaxwebhu anje luyakubakho ngohlobo lwengxelo/uxwebhu lwe-SRSA. Ukongeza, upapasho lufumaneka ngokulula kwiCandelo: uPapasho noNxibelelwano ngoNkosk. Tersia Grobler, ku: tersia@srsa.gov.za, okanye ngoMnxeba (012) 304-5016. linkcukacha ezithe vetshe ngamaxwebhu ekufikeleleka ngokulula kuwo ziqulethwe kwiCandelo le-15 uLuhlu lweRekhodi ekubhekiselwe kulo ngasentla.

5.3 INDLELA YOKUCELA

5.3.1 Sinikezwa okanye silandulwa nini isicelo:

Umceli makanikwe imvume yokufikelela kwingxelo egciniweyo yebhodi karhulumente ukuba yena mceli uvumelana nokulandelayo –

a) umceli uvumelana nazo zonke iimfuno zenkqubo kuMthetho onxulumene nocelo lokufikelela kwelo rekhodi; kwaye

- b) ukufikelela kulo ngxelo igciniweyo akulandulwa nakweyiphi indlela yokulandula ekhankanywe kuMthetho.

5.3.2 Umntu ukucela njani ukufikelela kwingxelo egciniweyo:

- a) Umceli makasebenzise ifom (iFom-A) eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente (iSaziso sikaRhulumente-R187 somhla we-15 kuFebruwari ka-2000) .
- b) Umceli makakubonise nokuba umceli ufuna ikopi yengxelo egciniweyo okanye ukuba umceli ufuna ukungena ajonge ingxelo egciniweyo ezi-ofisini zebhodi karhulumente (i-SRSA). Enye indlela, ukuba ingxelo egciniweyo asiloxwebhu lwamaphepha, ingahlolwa kwakhona ngohlobo oluceliweyo, apho kuyimfuneko.
- c) Ukuba umntu ucela ukufikelela kwifom ethile (umz. ikopi yephepha, ikopi esekhompuyutheni, njalo njalo) umceli umele ukufikelela kulo fom, ngaphandle kokuba ukwenza njalo kuyakuphazamisa ngaphandle kwesizathu nokuqhutywa kwebhodi karhulumente eqondwayo (i-SRSA), okanye wonakalise irekhodi, kwaphule nelungelo lokubhala nokushicilelwa komsebenzi elingelolikarhulumente. Ukuba ngezizathu ezivakalayo akunakunikelwa ngokufikelela kwifom efunekayo kodwa kwenye ifom, kulo meko intlawulo mayibalwe ngokwendlela eyakuqala icelwe ngumceli.
- d) Ukuba, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo kwisicelo sabo serekhodi ebhaliweyo, umceli ufuna ukuxelelwa ngesigqibo nangeyiphi enye indlela, umz. umnxeba, oku makuboniswe.
- e) Ukuba umceli ucela ulwazi egameni lomnye umntu, igunya esenziwa ngayo isicelo malibonakaliswe.
- f) Ukuba umceli akakwazi kufunda okanye ukubhala, okanye unokukhubazeka, kulo meko isicelo serekhodi singenziwa ngokuthetha ngomlomo. Igosa lolwazi kulo meko maligcwalise ifom egameni lomceli onjalo lize libanike ikopi egcwalisiweyo.

5.3.3 lintlawulo ezimele ukuhlawulwa

Zimbini iindidi zeentlawulo ezifuneka ukuba zihlawulwe malunga noMthetho, zibizwa, intlawulo yokucela nentlawulo yokufikelela (ukulungiselela ukwaziswa ngesigqibo malunga nokunikwa imvume yokufikelela).

- a) Umceli ofuna ukufikelela kwirekhodi equlethe ulwazi lobuqu ngala mceli ayifuni kuhlawulelwa intlawulo yokucela. Wonke omnye umceli makahlawule intlawulo engama-R35 (ihlawulwa kumasebe ikarhulumente).

- b) IGosa loLwazi malazise umceli (ngaphandle komceli buqu) ngesaziso, efuna umceli ahlawule intlawulo yokucela emiselweyo (ukuba ikhona) aze ayidiphozithe (ukuba ikhona) phambi kokuqhutyelwa phambili kwesicelo.
- c) Umceli angafaka isibheno sangaphakathi, apho kuyimfuneko, okanye isicelo enkundleni enxamnye nethenda okanye ukuhlawulwa kwentlawulo yesicelo.
- d) Emva kokuba iGosa loLwazi lenze isigqibo kwisicelo, umceli makaziswe ngesigqibo esinjalo ngendlela apho umceli afuna ukwaziswa ngayo.
- e) Ukuba isicelo sinikeziwe emva koko enye intlawulo mayihlawulwe ukulungiselela ukuveliswa kwakhona nokulungiselela ukukhangela nelungiselelo lalo neliphi ixesha elifunwayo elingaphaya kweeyure ezibekiweyo ukukhangela nokulungisa ingxelo egciniweyo ilungiselelwa ukubhengezwa.
- f) Ukufikelela kwirekhodi kuya kwaliwa ade abe umceli uhlawule iintlawulo ezikhoyo.
- g) Intlawulo ekukuphela kwayo (ukuba kukho nayiphi) yokufikelela kwirekhodi equkwe kwisigqendu se-15(2) somThetho, yintlawulo emiselweyo yokuelisa kwakhona.

6. IINKONZO EZIKHOYO KURHULUMENTE NOKUBA KUFIKELELWA NJANI KUZO

6.1 linkonzo

linkonzo zeSebe zingokwenqaku 5.1.1 lale Ncwadi yokuFundisa

- a) Abaxumi be-SRSA banoqhagamshelwano oluthe ngqo neSebe. Nangona kunjalo, kuyacetyiswa ukuba amaSebe anoxanduva lwezemidlalo nolonwabo kwinqanaba lephondo kuqhamshelwane nawo ngemibuzo engqale kwiphondo neenkonzelo. La maSebe ephondo asebenza kakhulu kwaye ngendlela eququzelelweyo ne-SRSA.
- b) linkonzo se-SRSA ezifana nokuthatha inxaxheba kwembumba kwezemidlalo kwinqanaba loluntu nelesikolo; ukuphuhliswa nokulungiselela izinto eziyimfuno zamaqela ezemidlalo; kunye nelungiselelo lengcebiso yobugcisa kwilungiselelo lwezinto eziluncedo zezemidlalo nolonwabo kungafikelelwa kuzo ngamaSebe ephondo anoxanduva lwezemidlalo nolonwabo. Kumele ngoko ke kukhankanywe ukuba ilungiselelo loncedo buqu, luxanduva loomasipala. I-SRSA idlala indima kule nkqubo ngeSibonelelo kwiZibonelelo zomsebenzi kaMasipala olawulwa ngoomasipala buqu.
- c) Nangona kunjalo, ulwazi oluthile nge-SRSA, umzekelo, iimveliso zayo ezifana neengxelo nolunye upapasho, lungafunyanwa kwiCandelo loPapasho noNxibelelwano kumagosa adweliswe phantsi komba '6.2' ngezantsi. Uluntu lukwanendlela yokufikelela kwiwebhsayithi ye-SRSA, www.srsa.gov.za.

6.2 Ufikelela njani kwiinkonzo

Abaxumi be-SRSA bangafikelela kwiinkonzo zayo ngokwenza izicelo ku:

6.2.1 Mlawuli-Jikelele: ezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika

a) Idilesi yokuposa:

Private Bag X896
PRETORIA
0001
Republic of South Africa

b) Idilesi yesitalato:

Regent Place
66 Queen Street
PRETORIA
(Esi sitalato siphakathi kwezitalato iThabo Sehume kunye ne-Lilian Ngoyi, iimoto zingena kwikona yesitalato iThabo Sehume kunye ne-Helen Joseph)

6.2.2 Ngemibuzo jikelele, ungatsalela indawo yodluliso lweminxeba ku: (012) 304-5000; okanye uqhagamshelane noTersia:

a) Umnxeba: (012) 304-5016

b) I-imeyili: tersia@srsa.gov.za

c) Ifeksi: (012) 323-7872

d) Iwebhsayithi: www.srsa.gov.za

7. ULUNGISELELO OLUVUMELA UKUBANDAKANYEKA KOLUNTU KUQULUNQO LOMGAQO-NKQUBO NOKWENZIWA KWEMISEBENZI

7.1 Ukwazisa uMgaqo-nkqubo noMthetho

a) Ngenkqubo yokuthatha inxaxheba kwembumba, i-SRSA isebenzisana ngqo noluntu olukwaziyo ukuphakamisa imicimbi neengcebiso ekubeni zingaqhutywa njanina ezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika. Igalelo labo lazisa indlela iSebe elakha ngayo imigaqo-nkqubo yalo.

b) Inkqubo yokuthatha inxaxheba kwembumba ijolise ekukhuthazeli uninzi lwabantu baseMzantsi Afrika ukuba luthathe inxaxheba rhoqo kwimisebenzi yezemidlalo nolonwabo kwinqanaba lasesikolweni kunye/okanye kwelasekuhlaleni.

- c) ISebe likwanendlela ethe ngqo kwiiManyano kunye neminye imibutho, iibhodi zophando zezemidlalo, kunye namaziko emfundo ephakamileyo, agalelo lawo lithathelwa ingqalelo ekwenziweni komgaqo-nkqubo.
- d) Kukubambisana neKomiti yeMicimbi yeSebe lezeMidlalo noLonwabo, iSebe lisebenzisana ngqo noluntu ukumamela uluvo lwabo ekuyilweni komthetho.
- e) UMphathiswa noSekela Mphathiswa bakwathatha inxaxheba kwiinkqubo zokufuna abantu abafuna uncedo nakwiiNkqubo ezibaNdakanya aBemi.
- f) AmaVolontiyi kunye nabo baFuna aMava omsebenzi abathabatha inxaxheba kwiinkqubo ze-SRSA banika izimvo kwiinkqubo nemigaqo-nkqubo oko bekwenza ngeentlanganiso kunye neengxelo.
- g) Ukuchotshelwa kwemiba ethile kunye neentlanganiso zengxoxo Uluntu lunokuza kwaye lwenze izindululo kuchophelo lwemiba ethile nakwiintlanganiso zengxoxo ze-SRSA.
- h) Iintlanganiso neentlanganiso zeengxoxo
- i) Anangona ukuza kwezinye iintlanganiso kungokwesimemo kuphela, uluntu jikelele lunokuza kwaye lunike iintetho kwiintlanganiso kunye nakwiintlanganiso zeengxoxo ze-SRSA.

8. UNCEDO OLUKHOYO MALUNGA NEMITHETHO OKANYE UKUSILELA EMTHEHWENI

Iindlela ezilandelayo zikho ukulungiselela abantu ukuba baxele okanye bancede izenzo ezisemthethweni ezithathwa njengezinxamnye nomthetho, ezingafanelekanga okanye ezingekho semthethweni okanye okushiywe yi-SRSA okanye namphi omnye wabaqeshwa bayo.

8.1 Iinkqubo zokunika ingxelo okanye ukunceda

- a) Uncedo malunga nezenzo okanye ukusilela kwizenzo malunga noMthetho oKhuthaza ukuFikelela kuLwazi: Igunya lokubhena langaphakathi ngeenjongo zalo Mthetho nguMphathiswa wezeMidlalo noLonwabo (icandelo lama-74 – 77). Emva kokugqiba uncedo lokubhena langaphakathi, isicelo singafakwa nenkundla (amacandelo ama-78 – 82).
- b) Umsebenzi wenkonzo karhulumente angafaka isikhalazo sophengululo olwenziwa yiKomishoni yeNkonzo kaRhulumente ngesenzo ezisemthethweni okanye okushiyelelo (icandelo lama-35 loMthetho weNkonzo kaRhulumente,

wonyaka ka-1994). Imithetho yokuba sifakwa njani isikhalazo esinjalo yapapashwa kwiGazethi kaRhulumente-23635 yomhla we-19 kuJulayi ka-2002.

- c) Umntu angasebenzisa uncedo lwezemisebenzi malunga nezenzo ezisemthethweni okanye okushiyelelo kwezemeko yezemisebenzi, ezibizwa ukuphikiswa kwamalungelo (uMthetho weNkonzo kaRhulumente, wonyaka ka-1994, noMthetho woBudlelwane bezeMisebenzi, wonyaka ka-1995);
- d) Umntu angafaka isikhalazo kumhloli wezemisebenzi malunga nako nokuphi okuthathwe njengokwaphulwa koMthetho weNkcukacha ezisiSiseko zeNgqesho, wonyaka ka-1997 (uMthetho onguNombolo-75 ka-1997 – icandelo lama-78(1)(a), okanye uMthetho wobuLungisa kwezeNgqesho, wonyaka ka-1998 (uMthetho onguNombolo-55 – icandelo lama-34(e)).
- e) Umntu angafaka isikhalazo kuMkhuseli kaRhulumente ngesenzo esisemthethweni okanye ushiyo olukrokrekayo olungekho semthethweni okanye olungafanelekanga (uMgaqo-siseko okanye uMthetho woMkhuselo kaRhulumente, wonyaka ka-1994 (uMthetho onguNombolo-23 ka-1994)).
- f) Umntu angafaka isikhalazo kwiKomishoni yamaLungelo oLuntu yaseMzantsi Afrika ngesenzo esisemthethweni okanye ushiyo olukrokrelwayo ekwenziweni kolwaphulo okanye ingozi yalo neliphi ilungelo elibalulekileyo (uMthetho weKomishoni yamaLungelo oLuntu, yonyaka ka-1994 (uMthetho onguNombolo-54 ka-1994)).
- g) Ukuze ukhuseleke kwiimpindezelo ngenxa yokuxela malunga nokuxela ukuziphatha okungekho semthethweni okanye okungafanelekanga komqeshi okanye umqeshwa wakhe, umntu osembuzweni angalandela ngeendlela ezikuMthetho weziBhengezo eziKhuselweyo, wonyaka ka-2000 (uMthetho onguNombolo-26 ka-2000).
- h) Ukusetyenziswa kolunye uncedo olusemthethweni olufana neziko leenkqubo zokuhlolwa kwakhona kwesigwebo sesenzo solawulo malunga noMthetho oKhuthaza uLawulo lobuLungisa, wonyaka ka-2000 (uMthetho onguNombolo-3 ka-2000).

8.2 Olunye uncedo oluxhasayo

8.2.1 Umntu angacela izizathu zesenzo solawulo malunga noMthetho oKhuthaza uLawulo ngobuLungisa, wonyaka ka-2000 (icandelo lesi-5).

8.2.2 Umntu angacela ukufikelela kwiingxelo ezigciniweyo zesebe likarhulumente okanye enye ibhodi karhulumente malunga noMthetho oKhuthaza ukuFikelela kuLwazi, wonyaka ka-2000 (icandelo-11).

8.3 Umsebenzi wokunika ingxelo

8.3.1 Umsebenzi wenkonzo karhulumente, ngexesha lokuqhuba imisebenzi yakhe yase-ofisini, ubotshelelwe nguMgaqo wokuZiphatha wabasebenzi benkonzo karhulumente ukunika ingxelo kumagunya efanelekileyo, ubuqhophololo, urhwaphilizo, ukukhetha izalamane ekwabeleni uncedo, ukuphatha okubi nayo neyiphi eminye imithetho eyenza isityholo okanye eyonakalisayo kumnqweno woluntu. Umqeshwa, osileleyo ukuvumelana noku, unetyala lokwaphula umthetho. (UMmiselo-B.3 no-C.4.10 beSahluko sesi-2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, yonyaka ka-2001).

8.3.2 Uxanduva lomqeshi ngamnye nomsebenzi lokuxela ulwaphulo-mthetho kunye nokunye ukuziphatha kakubi emsebenzini lukwaxhasa uMthetho wokuXela okuKhuselweyo, wonyaka ka-2000 (Intshayelelo).

9. UKUHLAZIYWA KWENCWADI YOKUFUNDISA NGOKWECANDELO LE-15 LOMTHETHO

9.1 I-SRSA, ukuba kuyimfuneko, iyakuhlaziya kwaye ipapashe incwadi yayo yokufundisa ekubhekiselelwe kuyo kwicandelwana (1) leCandelo le-14, kwizithuba ezingekho ngaphezulu konyaka.

9.2 Ngokungqinelana nomThetho, inkcazo nganye ngokwecandelo le-15(1) iyakupapashwa okanye ihlaziywe (nokuba yeyiphi na esebenzayo), ngesaziso seGazethi, ngokusekelwe kumathuba athile angekho ngaphantsi konyaka ukwenzeka rhoqo kwawo. Olu papasho/uhlaziyo luya kuba ngeendleko ze-SRSA

9.3 IGosa loLwazi linokucima nayiphi na inxenye yerekhodi exeliweyo kwicandelo le-15(1) lomThetho, elo ngesicelo sofikelelo kulwazi, linako okanye kufuneka laliwe ngokomThetho

9.4 Ngokwecandelo le-15(5) lomThetho, amagatya ecandelo le-11 (iLungelo lokufikelela kwiirekhodi zamasebe karhulumente) kunye nalo naliphi na elinye igatya elinxumene necandelo lokugqibela, alisebenzi kulo nakoluphi na udidi lweerekhodi eziqukwe kwisaziso ngokwecandelo le-15(2) lomThetho.

10. UBUKHO BENCWADI YOKUFUNDISA

Le ncwadi yokufundisa ngokoMmiselo 4(a) weMimiselo ephathelene nokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi (GN eyiNombolo 1244 yama-22 Septemba 2003), epapashwe phantsi kwecandelo lama-92 okanye uMthetho, kwaye yenziwa yafumaneka noko ubuncinane ngeelwimi ezisemthethweni ezintathu ngale ndlela ilandelayo:

a) ingeniswe kwiKomishoni yamaLungelo oluNtu yaseMzantsi Afrika

b) ibekwe kuzo zonke ii-ofisi ze-SRSA ukuba i-SRSA ifumana indawo kwi-ofisi yesakhiwo engaphezulu kwenye; nakwindawo yolwamkelo kwii-ofisi zangoku ze-SRSA (eRegent Place); ize ifakwe nakwiwebhsayithi ye-SRSA, www.srsa.gov.za. Incwadi yokufundisa iyakuthunyelwa kwakhona nakumaziko karhulumente kunikwa ingxelo kuMphathiswa wezeMidlalo noLonwabo.

EzeMidlalo noloNwabo eMzantsi Afrika- Zezakho Wena uKhutheleyo